URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo eliyiNtloko leZithili

Isalathiso: 20211020-6842
Inombolo yefayili: 11/1/4
Imibuzo: R Larney

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuqzelelo lwamaZiko : 0004/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi beZifundo, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**ISihloko: Ukunyulwa kwamalungu amatsha eForam yeeNqununu zePhondo (*PPF)* ngoJanuwari 2022**

1. IForam yeeNqununu zePhondo ixoxa ngemibandela engumdla efanayo ephakathi kweSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) nabameli beenqununu ukuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa ezikolweni eziphantsi kweSebe iWCED.

2. Ithuba leminyaka emibini labameli be*PPF* abasebenzayo ngoku liya kuphela ekupheleni kuka-2021. ISebe iWCED linqwenela ukubulela onke amalungu ebesenza inkonzo ngeli thuba limiyo ngobunkokeli bawo obuphum' izandla nangegalelo abalenzileyo ukufikelela kwiinjongo zawo ngokubanzi zokwakha amaqela entsebenziswano ukulungiselela iinguqu kwezemfundo nokuphucula ukwenziwa kwenkonzo kwinkqubo yemfundo esemgangathweni. Iiforam zibe ngoovimba abangundoqo bentsebenziswano eyakhayo kwinqanaba lesekethe, elesithili nakwinqanaba lephondo.

3. Ziyakhunjuzwa izithili nezikolo ukuba iisekethe nezithili mazikhethe oosihlalo noosekela-sihlalo abatsha kwiintlanganiso zeesekethe nezezithili ekuqaleni kuka-2022 ukulungiselela <u>ithuba leminyaka emibini elitsha</u> eliya kuphela ekupheleni kuka-2023. Elinye kula malungu mabini anyuliweyo eforam yeenqununu kwisekethe nakwisithili malibe lelivela kwisikolo esiyiprayimari elinye kwisikolo esiphakamileyo.

4. IsiHlomelo A sicacisa inkqubo-sikhokelo ukunika iingcebiso amalungu eforam amatsha.

**ISAYINWE:** NGU-HA LEWIS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**
**UMHLA:** 2021-10-20

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2000 Fax: +27 21 483 7658

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za